



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2019

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 liyure



Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngalinye.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-20
ICANDELO C: Imizuzu engama-50
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUXOKISWA

- 1 Kunzima kule mihla siphila phantsi kwayo. Wonke umntu uzamela ukubeka into etyiwayo phezu kwetafile. Ingxaki ikhona ngumba wokunqaba kwemisebenzi kweli lizwe kodwa likhululekile. Umntu ukhangela into eza kumphilisa nendlu yakhe engayikhathalelanga eyokuba umosha omnye umntu. Kunento eqhubekayo endityayo apha elizweni yokuxokiswa kwabantu bakuthi bengenanto esandleni, kuthathwe loo malana ibikhona ze umntu ashiyeke ebambebelele esidleleni, exakiwe. Kukho la maphepha ahanjiswa ezindleleni kwezi dolophu zonke, athengisa amayeza amdaka obuxoki. Mna ndiyaqala ukuliva **kule** minyaka igqirha elithwasileyo elenzelwe yonke imisebenzi yobugqirha elithengisa ngamayeza.
- 2 Kukho izinto abathi bayazinceda ezi zezi; sibuyisa umntu owabhubhayo, sikhupha iinyoka ezindlini, sinyanga ugawulayo, sifaka uthando ebantwini, siwinisa iLotto kunye namahashe. Urhulumente kudala wapapasha esithi umntu okwaziyo ukunyanga esi sifo singugawulayo makeze ngaphambili kubonswane naye ukuze kuhlolwe konke ngaye ze xa bevene ngento yonke lowo anikwe igunya lokunyanga. Akuzange kuvele nempunde le kulo mba. Into esiyibonayo ngoku ngootsotsi abaphanga imali zabantu kabuhlungu ilanga lihlabe umhlaba. Phofu abantu abemanga bayathenga bayakholelewa. Kutheni aba bantu bangazenzeli ezi zinto kubo ze bazuze le mali bathi baza kuyifumana ifunyanwe ngabo?
- 3 Ndikhe ndandwendwela mzini uthile. Umninimzi lo ekucaca ukuba ukhe wadibana naba bantu bazibiza amagqirha okanye oogqirha Ali okanye Mama Afrika. Uthi wadibana nabantwana edolophini behambisa amaphepha, walithatha eli phepha wabona isigulo ekudala esizama ngokusinyanga singanyangeki. Wasiwa ke kweli gqirha, warholiswa imali yokubona igqirha, imali yokuvula itasi , nemali yokuva iindaba zakhe. Into awayixelelwayo zibekwa yinyoka ejikeleza indlu yakhe nokuba neentshaba ezininzi. Wasuka walixelela into ebangela ukuba abe lapho, libekelo. Lavumela phezulu igqirha lathi, ewe eli bekelo lenziwa yile nyoka ijikeleze umzi wakho. Nokuba ungayaphi akusoze uncedakale kuba le nyoka inamandla. Lamcebisa ukuba kukhutshwe le nyoka kwamsinyane kuqala kwandule ukunyangwa kwenyawo. Eneneni lo mfo wazichaza iindaba kumkakhe zafika zamkelwa kakhulu yinkosikazi.

4 Kwaqaliswa umsebenzi wokunyanga. Kwafika amadoda amathathu azokukhupha iimpahla kule ndlu kukholwelwa ukuba inenyoka. Acela kukhutshwe iimpahla. Amadoda aqalisa ngemithandazo enxibe iingubo zengxowa neentambo eziphotiweyo. Ayemane efika athandaze afake amayeza awo akugqiba ahambe. Ngenye imini ayalela ukuba makuthengwe iplastiki emnyama enkulu yaze yafakwa eludongeni naphezulu kusombathiswa indlu yonke. Xa ungena kule ndlu ungena ngaphantsi kweplastiki. Ngaphakathi kukho amaselwa ekuthiwa ngawabantu abadala. La madoda rhoqo efika kweli khaya angeniswa kweli gumbi labo abe engena wodwa andule ukuza ebantwini kuculwe kuthandazwe.

5 Kwaye kwafunwa umbona neembotyzi zagalelwa ezibhotileni. Kombiwa imingxunya yafakwa. Ngalo lonke elo xesha simi kufutshane sijongile, kwavela kwabakho umbane okhawulezileyo, sathi sisajonge leyo kwatsho isithonga esikhulu xa ndiphosa amehlo kule nto, kwaphuma umsi kuyo yangathi bekucinywa umlilo. Saqonda ukuba masilinge ukusondela wesuka wehla umsi xa sifika umngxunya awunazo ezabhotile. Ndothuka, ndazithandazela ngaphakathi ndamcela uBawo andikhusele kuba ndingayazi iyakuphelela phi le nto. Athi la madoda zonke ezi zinto zihleli kula nyoka emzimbeni luhlobo abayibambe ngayo le ayinakuba saya ndawo ngoku iza kubalinda.

[Sithatyathwe kwi-'SOLEZWE 20 eyoMdumba 2019 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi wokuqala

- 1.1.1 Chaza unobangela wokuba kube nzima kweli lizwe kodwa likhululekile? (1)
- 1.1.2 Kuthathwe loo malana. Isimamva esibhalwe ngqindilili sibonisa:
- A Isinciphiso ngokuzalwa.
 B Isinciphiso ngokomyinge.
 C Isinciphiso ngokwemo yentsusa.
 D Isinciphiso ngokwesiqu. (1)
- 1.1.3 Chonga isivakalisi esinomxholo wokuncama neyokugqibela phofu ushiyeke ungenanto. (2)
- 1.1.4 Liphuhlisa ntoni igama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? '**kule**' (2)

Jonga kumhlathi wesibini.

- 1.1.5 Dwelisa imisebenzi ibe **MIBINI** ekhankanyiweyo eyenziwa ngamagqirha. (2)
- 1.1.6 Bhala ngawakho amazwi. Akuzange kuvele nempunde le kulo mba. (2)

- 1.1.7 YINYANI okanye BUBUXOKI? Igunya lokunyanga esi sifo linikwa amagqirha aze ngaphambili kurhulumente. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.8 Chaza ukuba linika ntsingiselo ni igama 'Abemanga' ngokwalapha? (2)
- 1.1.9 Sinike umxholwana walo mhlathana. (1)

Jonga kumhlathi wesithathu.

- 1.1.10 Khetha impendulo echanekileyo ekwizibiyeli kwisivakalisi esingezantsi.
Walithatha eli phepha wabona isigulo ewayesizama ukusinyanga.
Esi sivakalisi sibonisa (**umoya wokukholelwa / umoya wokulumkisa**) (1)
- 1.1.11 Ngqina ngokwalo mhlathi ukuba eli gqirha lavunyelwa ukuba lisebenze kweli khaya. (1)

Jonga kumhlathi wesine.

- 1.1.12 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuthotywa kwezinga lengqondo yabantu abakholelwa kumagqirha. (2)
- 1.1.13 Nika igama elinye elichaza isenzeko semihla ngemihla. (1)

Jonga kwisicatshulwa sonke.

- 1.1.14 Tyhila ngamagama amabini achaza uluvo lokuba unobalisa unefuthe lokuKrestu (2)
- 1.1.15 Nika umxholo wesi sicutshulwa. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2 Kumnandi ukubabona bonwabile abantwana.



[lthatyathwe ku-www.googlepics.org]

- 1.2.1 Bhala ngokupheleleyo izini ezibonakaliswe kulo mfanekiso. (2)
- 1.2.2 Bonakalisa isigqebelo umbhali asivezileyo kulo mfanekiso. (2)
- 1.2.3 Ngqina ngokuthi ubhale izivakalisi eziBINI okukuba lo usemva linenekazi ngokwenene. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele uchaze izinto ekumele sizigcine engqondweni xa sisonwabela ikhrisimesi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

ISICATSHULWA C**UMOYA WEKHRISIMESI**

Singabantu simele ukumelana njani nolu suku? Zibambe ungachithi imali ebaxekileyo, yigade inkcitho engabalulekanga nengafunekiyo. Sukuthenga kuba kukho umoya wokuthenga, thenga ngokuqiqa ucinge phambi kokuthenga.

Yiba nombulelo ubulele uYehova ngokupha olu suku ebomini bakho. Abantu abaninzi abalifumananga eli thuba ulifumeneyo. Abanye bebhona ngeli xesha kulo nyaka uphelileyo kodwa abasekho namhlanje, ngoko bulela isipho sokuphila.

Yithi qwa ujongane nemingeni kuba eli xesha likhatshwa ziingxaki. Zifundise ukujongana nayo nokuba ibuhlungu kangakanani, musa ukonganyelwa bubutyala, iintlungu, iintloni, usizi noloyiko. Jongana nayo ngomoya omhle kwaye ungazintywiliseli etywaleni nakwiziyobisi.

Yiba ngumntu ophayo. Khumbula isandla esiphayo sesisikelelekileyo kunesikhongozelayo. Eli ixesha lixesha lokunikela. Nokuba injani imeko yakho yezimali, fumana umntu ongenanto uze umabele kwiintsikelelo zakho. Ngaloo ndlela uvulela ezinye iintsikelelo ebomini bakho.

Khulisa umoya wakho elukholweni. Ikhrisimesi yimini enkulu yokuzalwa kweNkosi yethu, loo nto ithi uKrestu ufuna ukuzalwa ngokutsha kweyakho intliziyo. Ekumele ukwenze nje wena kukumcela ukuba aphile ngaphakathi kwakho kwaye uza kuyenza loo nto ngaphandle kwamathandabuzo ukuba wena uyammema.

Phepha amaqonga onxibelelwano kuba aza kubhidisa. Adume ngokukhupha zonke izinto ezintle kunye nezimbi eziza kubangela uxineke. Khumbula ixesha lekhrisimesi lixesha lokonwaba nezihlobo.

Lifuna niphefumlelane, kuhlalwe kuncokolwe kube mnandi. Ukujonga abanye ukuba benza ntoni, baphi kwaye banabani kulo ndawo. Loo nto iza kukwenza uzive ufaka isithukuthezi phakathi kwabanye abantu ngemini enkulu.


[Sicutshulwe *kwiBona Magazine* Disemba 2016 iphepha lama-72 saze sahlelwa]

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D



[Sithatyathwe kwi-Intanethi saze sahlelwa]


- 3.1 Nika igama lale mveliso ithengiswayo. (1)
- 3.2 Tyumba elona gama lichaza ukuba le mveliso akudalanga ikhona. (1)
- 3.3 Sijoliswe kwabaphi abantu esi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwale bhodi inkulu kangaka? (1)
- 3.5 Xela amaxesha oshishino ale bhanki ngokupheleleyo (1)
- 3.6 Igama FNB sisifinyezi okanye yi-akronim? (2)
- 3.7 Safobe sini esisetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi?
Ingaba ibhanki yakho iyakunceda ngeengcebiso zezonyango 24/7?
 - A Isifaniso
 - B Umbuzo buciko
 - C Ubaxo
 - D Isikweko (1)
- 3.8 Ingaba esi sibhengezo siphumelele ukujija iingqondo zabantu ukuba bayokuvula le akhawunti? (2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithatyathwe ku-www.commitstrip.com yaze yahlelwa]

- 4.1 Bhala intetho ekwi freymu-1 kwimo ende. (1)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Le ntetho ingentla iqhubeka:
 - A Esikolweni.
 - B Enkonzweni.
 - C Edolophini.
 - D Ebuhlanti. (1)
- 4.3 Idimasi ezisentloko kumfundisi zitolika ntoni ngaye. Sebenzisa izivakalisi zibe MBINI kwimpendulo yakho. (2)
- 4.4 Chaza uvakalelo olukwisithethi esikwifreyimu-3. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.5 Udaba lwesandla esikwifreyimu 5 naku 6 sichaza umoya onjani ngomlinganiswa? (2)
- 4.6 Xhasa uluvo lokuba umfundisi uphethwe akanalo ulawulo ecaweni akanikezi miqathango. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

Ubuyile uThemba.

“Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene. Indoda ongekhe ngenye imini ufike ikuqumbele. Indoda **engacinginto** ngoqhawulo-mtshato. Ndithetha indoda esoloko ikuqhubela kwimpumelelo. Xa unemfundo unento yonke, kodwa ke xa uthetha ngolu hlobo uthetha ngalo mntwana wam, ndiza kukuyeka kodwa! Kodwa! Uyakundikhumbula.”

“Mama ndiyeke ndizibonele into yokungafundi kwam ayikufuni nganto ndimdala kakade. Laphela elaa xesha lenu lobumnyama apho umntu ubenyanzelwa entweni engayifuni,”

“Ndikuvile Bhelekazi akutsho mna kambe kutsho wena, ukatsiwe nje ke ndiba uyazi okokuba isala kutyelwa sibona ngolophu. EGoli uThemba ukwindlela eza nganeno. Ezakhe iinjongo kukuthatha uZama abe ngumfazi wakhe weenkomo. Uyaxhakazela umfo yimpahla yakhe neziphu. Ebuya nje uqale kulaa tata wayehambe naye.

[Uthatyathwe kwincwadi kaJ.J. Sankqela ethi: *Kazi Yozala Nkomoni waze wahlelwa*]

- 5.1.1 Xela isakhi esibhalwe ngqindilili kwesi sibizo: ‘Mntwana’ (1)
- 5.1.2 Khetha isimnini kwesi sivakalisi silandelayo. Mntwana wam xa unemfundo unekamva. (1)
- 5.1.3 Lungisa isiphene sopelo esikwigama elibhalwe ngqindilili. Indoda **engacinginto** ngoqhawulo- mtshato. (1)
- 5.1.4 Bhala isininzi seli gama **indoda** uze ulisebenzise njengenjongosenzi kwisivakalisi esichanekileyo. (3)
- 5.1.5 Eli gama lithi ‘yonke’ liwa kwesiphi isigaba sentetho
- A Isimelabizo soqobo.
- B Isimelabizo sokwalatha.
- C Isimelabizo soquko.
- D Isimelabizo soqobo sokugxininisa. (1)
- 5.1.6 Khetha isixando kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele udidi lwaso. Indoda esoloko ikuqhubela kwimpumelelo ilungile. (2)
- 5.1.7 Chaza umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.
- Yathi iqina loo mini. (2)

5.1.8 Khetha igatya eliyintloko negatya elayamileyo kwesi sivakalisi silandelayo

Umntu ubenyanzelwa entweni nokuba akafuni ngela xesha.

(2)

5.1.9 Nika isichasi seli gama 'ukuzivulela'.

(1)

[14]

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO

Isipho esiyintyatyambo ngosuku lokuzalwa kwam.



[Uthatyathwe ku-netflorist.co.za saze sahlelwa]

5.2.1 Fakela isihlanganisi esifanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo. (ukuze / xa)

Umama uthenga iintyatyambo ezintle. Umama kuzalwa umntu ekhaya.

(2)

5.2.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwisininzi.

Thengisa le ntyatyambo ukuze ufumane imali.

(3)

5.2.3 Bhala igama elikwizibiyeli libe sisalathandawo.

Intyatyambo entle (ikomityi)

(1)

[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80

